# LRAD

DEPARTMENT: AGRICULTURE
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# INKQUBO YOLWABIWO LWEMIHLABA NGENJONGO YOPHUHLISO LWEZOLIMO

---

**Isikhokelo**

Le ncwadana inika iimpendulo kwimibuzo ebuzwa mihla le ngokunxulumene nale *nkqubo yolwabiwo mihlaba ngenjongo zophuhliso kwezolimo*. Ikwalulutho ekuncedisaneni nabafuni-mhlaba nabathengisi-mhlaba ukuqondisisa ubucukubhede neemfuno ezimandla ekufuneka ziqatshelwe ukuze bakwazi ukuzuza kule nkqubo.

Le ncwadana ayenzelwanga kubeka caleni umgaqo olandelwayo wale nkqubo, koko isisixhobo sokunika ingcaciso ngendlela elula kuba umgaqo ubhalwe ngamagama nolwimi abangekhe bonke abantu bakwazi ukulucalula. Ikwanika iimpendulo ezikhawulezileyo kubantu abanemibuzo eqotho ngale nkqubo.

**1. Iyintoni le nkqubo yolu lwabiwo lwemihlaba?**

Le nkqubo yolwabiwo-mihlaba ngenjongo zophuhliso lwezolimo yenzelwe ukunceda abo babetyele emnyameni kubutyebi beli lizwe abasuka kwezi zintlu: AbaMnyama, abeBala namaNdiya ukuze bakwazi ukuthenga umhlaba okanye izixhobo zokusebenza umhlaba.

**2. Ibanceda njani abantu le nkqubo?**

Njengoko sisazi okokuba abantu abaninzi abanayo imali yokuthenga umhlaba wezolimo, le nkqubo yothi ihlangabezane nabo ngokunikezela ubonelelo ngemali isomeleza oko banako ukuze bakwazi ukuthenga umhlaba. Le mali yesibonelelo yonikezelwa kujongwa imiba ethile.

**3. Siyintoni sona esi sibonelelo semali?**

Le yimali esisipho esivela ku Rhulumente esenzelwe ukunceda abantu abanomdla kulimo bathenge umhlaba.

**4. Umntu ufumana kangakanani?**

Kusetyenziswa indlela ethile yokubala ubungakanani besi sibonelelo, kujongwe umyinge awothi ubani eze nawo ukuthenga lo mhlaba (onokuba yimali) okanye izixhobo zokusebenza (onokungabi yomali) okanye indibanisela yezi zimbini.

Ngoko ke isibonelelo sobalwa ngokomlinganiselo womyinge ofaka isicelo eza nawo. (Qaphela <u>iTable yoku 1</u>).

**5. Uthetha ukuthini `umyinge ekufuneka umntu abe nawo'?**

Lo myinge yimali ekufuneka ubani abe nayo ukubonakalisa ukuqiniseka kwakhe, myinge lowo owothi udibane nesibonelelo ukwenza iqhezu elithile lemali epheleleyo yomhlaba othengwayo. Isibonelelo esi sifaka isandla kwinto ubani asele enayo.

**6. Ngaba lo myinge uyimali yodwa?**

Zixananazile iindlela zokwenza lo myinge:

***(a) Imali***

Umfaki-sicelo angeza nomyinge wama-R5 000 oyakumenza afumane isibonelelo sama-R20 000, lize iqondo eliphezulu libe ngumyinge wama-R400 000 nesibonelelo sama-R100 000.

***(b) Umyinge ongeyomali***

Zininzi indlela zokukhupha lo myinge:

Izinto ezizezakho ngokuse mthethweni, izixhobo zokusebenza, oomatshini, nemfuyo. Kothi kubalwe ixabiso lazo lize lenze lo myinge.

***(c) Umyinge wamandla***

Naliphi na inani labasebenzi lolinganiselwa kumyinge wama R5 000.

**7. Mpahla zini ezingasetyenziswa ukwenza kwalo myinge?**

Zonke izixhobo/iimpahla ubani anazo ezisetyenziswa kwezolimo nezingathi zibeluncedo kumhlaba owo uthengwayo.

**8. Ziziphi ezingenakho ukusetyenziswa?**

(a) Umhlaba owawufunyenwe ngesinye sezibonelelo zika Rhulumente, ngenkqubo yobuyiselo lwemihlaba, ngesibonelelo sokubuyiselwa/sokuzinziswa kobunini-mhlaba, umhlaba osisipho njalo-njalo.

**9. Kwenzeka ntoni ukuba ezinye zezi mpahla andikagqibi ukuzihlawula?**

Umba wempahla esephantsi kwetyala awuyikuyichaphazela inkqubo yokubalwa kwempahla ezo njengomyinge womfaki-sicelo.

**10. Lithini inani elisezantsi neliphezulu lesi sibonelelo kwaye usithini umyinge emandize nawo?**

Umyinge wama-R5 000 oziindidi esele zixeliwe womnika ubani isibonelelo sama-R20 000 njengamanani asezantsi, uze umyinge ophezulu wama-R400 000 umnike ubani isibonelelo sama-R100 000, lawo ingamanani aphezulu kule nkqubo. Kusengasetyenziswa namanye amanani aphakaathi kwelona lisezantsi nelona liphezulu, kuxhomekeka kumyyinge ubani anawo. (Oko ungakufumana kumtyhutyhumezo womyinge nesibonelelo owunikiweyo).

**11. Yenzeka njani into yokuba oyena unomyinge osezantsi afumane isibonelelo esikhulu kunalowo unomyinge ophezulu?**

Le Nkqubo yenzelwe ukunceda abasweleyo. Isibonelelo esi senziwe ngendlela yokuba oyena unomyinge omncinane abonelelwe kakhulu, aze noko lowo unomyinge omkhulu abonelelwe kancinane.

**12. Ndingasisebenzisa njani esi sibonelelo?**

(a) Kuthengo lomhlaba.

(b) Ukwenza nokufakela izinto ezithile kumhlaba lowo, ukuthenga iimpahla ezithile, nokuthenga izinto zokusebenza zexeshana kwezolimo.

**13. Ngawaphi amasebe kaRhulumente asingethe le Nkqubo yonikezelo lwemihlaba?**

Isebe leZolimo nesebe le Zemihlaba abambisene uku khokhela lo msebenzi ade awugqibe, noxa eli sebe le Zemihlaba linoxanduva lokukhupha imali yezibonelelo.

**14. Ngubani onokufaka isicelo?**

Kufuneka:

• Ube ngowezazintlu zityele emnyameni (abaMnyama, abeBala, namaNdiya).

• Ube neminyaka eli-18 nangaphezulu.

• Ube umhlaba lowo uzakuwusebenzisela ezolimo.

• Ube uzakubakho kulimo ngokupheleleyo (ngaphandle kokuba wenza ukwicandelo loofakemlonyei).

• Ungabi ngumsebenzi kaRhulumente.

• Uqiniseke ngokuba uzakuqeqeshwa emva kokunikwa umhlaba.

• Ube nawo umyinge wokuvulela isibonelelo.

• Nibe liqumrhu elisemthethweni ukuba nifaka isicelo nibaninzi.

• Nibe ne-akhawunti yebhanki.

**15. Angenza ntoni ubani ngale mihlaba?**

Le Nkqubo yenziwe ngendlela yokuba abafaki-zicelo bakwazi ukwenza imveliso kumaqondo ahlukeneyo:

***(a) Oofakemlonyeni***

Abafaki-zicelo banokufumana umhlaba besenzela ukuvelisela ukufaka emlonyeni/ukutya.

### *(b) OoMasibambisane*

Apha amalungu okhupha umyinge ze kufumaneke isibonelelo, baze babe nominganiselo othile wobunini apha kwiprojeki leyo. Lo mlinganiselo wolingana nomyinge lowo awukhuphileyo kunye nesibonelelo. Aba boba ngoo Masibambisane kubunini bale projeki baze babe ngabasebenzi kwalapho.

### *(c) Abavelisela ukuthengisa*

Abanye bongena kule Nkqubo benenjongo eziphakamileyo kunezi zingentla. Ngabantu abo aba nesakhono namava kwezolimo, kwakunye nokuvuleleka ekufumaneni iimali kwiibhanki, abaneempahla ezizezabo, nemali yokuthenga imihlaba enokubabangela ukuba bavelise kakhulu.

### *(d) Imveliso yolimo kumaphandle*

Baninzi abantu abanemvume yokusebenzisa imihlaba emaphandleni koko bengenazo iintsiba zokuwusebenza loo mhlaba. Abo bantu bayakuxhaswa yile Nkqubo ukuze bamisele izinto ezizisiseko zokuxhasa imveliso kwimihlaba yabo. Bangenza imveliso, oofakemlonyeni-eyona isezantsi okanye imveliso yokuthengisa.

### 16. Ndingathenga wuphi umhlaba phantsi kwale nkqubo?

Nawuphina umhlaba olapha eMzantsi Afrika unakho ukunikezelwa nokuba ubunini bawo buthini, ngaphandle kwemihlaba, yamaphandle ephantsi kwabahlali.

### 17. Ndiyakwazi ukufumana umhlaba ndibe ndinendawo endiphangela kuyo?

Le Nkqubo iyagxininisa ukuba abantu basebenze umhlaba ngokupheleleyo, ngaphandle ke koo-fakemlonyeni apho ke bangathi bafune olunye uncedo olunjengempangelo.

### 18. Kuzakwenzeka ntoni kum ndakuba ndifumene umhlaba kwaye uRhulumente angandinceda ngantoni?

Isebe lezoLimo linenkqubo yokuncedisana namafama emva kokufumana umhlaba, ngokuthi linike iinkonzo ezifana noqeqesho nokukhathalelwa kwamafama ngamagosa kwizithili zonke, benika ezi nkonzo kumafama akhasayo nasele ekhulile.

### 19. Yiyiphi inkcaza ebhaliweyo eyofuneka kum?

• Inkcaza ngosetyenziso lomhlaba/Iplani yomhlaba lowo.

• Isiboniso sothengiso-mhlaba nexabiso, ukuba umhlaba lowo uqeshiwe ngenjongo zokuthengwa.

• Amagama awo onke amalungu ukuba isicelo eso sesabantu abaninzi.

• Isiqinisekiso sokuba umhlaba lowo awunambambano kwaye ubhaliswe ngegama lomthengisi lowo, kwaye nexabiso lawo alikho ngaphezu kwexabiso elivunyiweyo ngabathengisi- mhlaba.

• Isiqinisekiso sokubakho kwemali yokuhlawula engaphandle komyinge nesibonelelo (oku koba ziimali-mboleko okanye ezinye iimali angaba ubani unazo).

• Inkcaza yexabiso lomhlaba nendlela eliqulunqwe ngayo.

### 20. Ndingancedakala phi ukuqulunqa ezi nkcaza?

Ubani angazilungisela ezi nkcaza okanye acele uchwepheshe wokumnceda. Akanyanzelekanga ukuba afune uchwepheshe xa ekwazi. Namagosa olimo ezithili angaba luncedo.

Kukho uluhlu loochwepheshe kwiiofisi zezemihlaba nezolimo apho ubani ofuna oochwepheshe angancedakala khona. Baya kuthi bamlungiselele yonke into ayidingayo ubani ngoncedo lwesibonelelo sala malungiselelo.

### ITABLE YOKU 1. Ubungakanani besibonelelo ngokomyinge

| Umyinge | | **10 000** | **20 000** | **30 000** | **40 000** | **50 000** | **60 000** | **70 000** | **80 000** | **90 000** | **100 000** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | 25 798 | 33 278 | 38 622 | 42 926 | 46 592 | 49 819 | 52 721 | 55 371 | 57 819 | 60 100 |
| **1000** | | 26717 | 33880 | 39090 | 43317 | 46932 | 50122 | 52996 | 55624 | 58054 | 60320 |
| **2000** | | 27585 | 34463 | 39548 | 43702 | 47268 | 50422 | 53269 | 55875 | 58287 | 60539 |
| **3000** | | 28408 | 35031 | 39998 | 44081 | 47600 | 50720 | 53540 | 56125 | 58519 | 60756 |

| | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **4000** | | 29192 | 35583 | 40439 | 44455 | 47928 | 51014 | 53808 | 56372 | 58750 | 60972 |
| **5000** | 20000 | 29941 | 36120 | 40871 | 44823 | 48252 | 51305 | 54074 | 56618 | 58978 | 61187 |
| **6000** | 21385 | 30659 | 36644 | 41296 | 45187 | 48572 | 51594 | 54337 | 56861 | 59206 | 61400 |
| **7000** | 22631 | 31350 | 37156 | 41714 | 45545 | 48889 | 51879 | 54599 | 57103 | 59431 | 61612 |
| **8000** | 23768 | 32015 | 37655 | 42125 | 45899 | 49202 | 52162 | 54858 | 57343 | 59656 | 61823 |
| **9000** | 24819 | 32657 | 38144 | 42528 | 46248 | 49512 | 52443 | 55116 | 57582 | 59879 | 62033 |

| Umyinge | **110000** | **120000** | **130000** | **140000** | **150000** | **160000** | **170000** | **180000** | **190000** | **200000** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| - | 62241 | 64262 | 66180 | 68006 | 69751 | 71424 | 73032 | 74582 | 76077 | 77524 |
| **1000** | 62448 | 64458 | 66366 | 68184 | 69921 | 71588 | 73190 | 74733 | 76224 | 77666 |
| **2000** | 62654 | 64654 | 66552 | 68361 | 70091 | 71751 | 73347 | 74885 | 76371 | 77808 |
| **3000** | 62859 | 64848 | 66736 | 68537 | 70260 | 71913 | 73503 | 75036 | 76516 | 77949 |
| **4000** | 63063 | 65041 | 66920 | 68713 | 70428 | 72075 | 73659 | 75186 | 76662 | 78090 |
| **5000** | 63266 | 65233 | 67103 | 68888 | 70596 | 72236 | 73814 | 75336 | 76807 | 78230 |
| **6000** | 63467 | 65424 | 67285 | 69062 | 70763 | 72396 | 73968 | 75485 | 76951 | 78370 |
| **7000** | 63668 | 65614 | 67467 | 69235 | 70929 | 72556 | 74123 | 75634 | 77095 | 78510 |
| **8000** | 63867 | 65804 | 67647 | 69408 | 71095 | 72715 | 74276 | 75782 | 77239 | 78649 |
| **9000** | 64065 | 65992 | 67827 | 69580 | 71260 | 72874 | 74429 | 75930 | 77382 | 78788 |

| Umyinge | **210000** | **220000** | **230000** | **240000** | **250000** | **260000** | **270000** | **280000** | **290000** | **300000** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| - | 78926 | 80286 | 81608 | 82893 | 84145 | 85366 | 86558 | 87722 | 88860 | 89973 |
| **1000** | 79064 | 80420 | 81738 | 83020 | 84269 | 85487 | 86675 | 87837 | 88972 | 90083 |
| **2000** | 79201 | 80553 | 81867 | 83146 | 84392 | 85607 | 86793 | 87951 | 89084 | 90193 |
| **3000** | 79338 | 80686 | 81997 | 83272 | 84515 | 85727 | 86910 | 88066 | 89196 | 90302 |
| **4000** | 79475 | 80819 | 82126 | 83398 | 84637 | 85846 | 87027 | 88180 | 89308 | 90412 |
| **5000** | 79611 | 80951 | 82255 | 83523 | 84760 | 85966 | 87143 | 88294 | 89419 | 90521 |
| **6000** | 79747 | 81083 | 82383 | 83648 | 84882 | 86085 | 87259 | 88408 | 89531 | 90630 |
| **7000** | 79882 | 81215 | 82511 | 83773 | 85003 | 86203 | 87375 | 88521 | 89642 | 90738 |
| **8000** | 80017 | 81346 | 82639 | 83898 | 85125 | 86322 | 87491 | 88634 | 89752 | 90847 |
| **9000** | 80152 | 81477 | 82766 | 84022 | 85246 | 86440 | 87607 | 88747 | 89863 | 90955 |

| Umyinge | **310000** | **320000** | **330,000** | **340,000** | **350000** | **360000** | **370000** | **380000** | **390000** | **400000** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| - | 91063 | 92131 | 93178 | 94206 | 95214 | 96204 | 97177 | 98134 | 99074 | 100000 |
| **1000** | 91171 | 92237 | 93282 | 94307 | 95314 | 96302 | 97274 | 98228 | 99168 | |
| **2000** | 91278 | 92342 | 93385 | 94409 | 95413 | 96400 | 97370 | 98323 | 99261 | |
| **3000** | 91386 | 92447 | 93489 | 94510 | 95513 | 96498 | 97466 | 98418 | 99354 | |
| **4000** | 91493 | 92553 | 93592 | 94611 | 95612 | 96595 | 97562 | 98512 | 99446 | |
| **5000** | 91600 | 92657 | 93694 | 94712 | 95711 | 96693 | 97657 | 98606 | 99539 | |
| **6000** | 91707 | 92762 | 93797 | 94813 | 95810 | 96790 | 97753 | 98700 | 99632 | |
| **7000** | 91813 | 92866 | 93899 | 94913 | 95909 | 96887 | 97848 | 98794 | 99724 | |
| **8000** | 91919 | 92971 | 94002 | 95014 | 96008 | 96984 | 97944 | 98888 | 99816 | |
| **9000** | 92025 | 93075 | 94104 | 95114 | 96106 | 97081 | 98039 | 98981 | 99908 | |

Isixa sesibonelelo ngokomyinge

| | **20000** | **30,000** | **40,000** | **50,000** | **60000** | **70000** | **80,000** | **90,000** | **100000** |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|

| | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| - | 5000 | 15080 | 33005 | 60596 | 99548 | 151463 | 217,873 | 300245 | 400000 |
| **1000** | 5710 | 16489 | 35301 | 63953 | 104130 | 157427 | 225368 | 309415 | |
| **2000** | 6481 | 17977 | 37695 | 67425 | 108844 | 163538 | 233024 | 318761 | |
| **3000** | 7315 | 19549 | 40189 | 71014 | 113690 | 169796 | 240843 | 328283 | |
| **4000** | 8214 | 21204 | 42784 | 74722 | 118671 | 176204 | 248825 | 337983 | |
| **5000** | 9180 | 22945 | 45484 | 78550 | 123788 | 182763 | 256974 | 347863 | |
| **6000** | 10214 | 24774 | 48289 | 82499 | 129042 | 189474 | 265289 | 357923 | |
| **7000** | 11320 | 26693 | 51201 | 86572 | 134435 | 196339 | 273772 | 368166 | |
| **8000** | 12498 | 28703 | 54222 | 90770 | 139969 | 203360 | 282425 | 378592 | |
| **9000** | 13751 | 30807 | 57353 | 95095 | 145644 | 210537 | 291249 | 389203 | |

*Kuba le Nkqubo izakuthatha iminyaka engama-15 ukuya kuma-20, izibonelelo zibalwe ngokwexabiso le Randi*

### 21. Ithini indlela yokungena kule Nkqubo?

Tsalela u-(012) 319 7020 okanye udibane neSebe Lezemihlaba okanye iSebe lezolimo kwiphondo lakho kula angezantsi. .

### Amasebe ezolimo nezemihlaba kumaphondo

| **Iphondo** | **Isebe** | **Ongadibana naye** | **Imfono-mfono** |
|---|---|---|---|
| Gauteng | Ezolimo | V. Titi | 011-355 1317 |
| | Ezemihlaba | M. Ndlela | 012-310 6500 |
| Mpumalanga | Ezolimo | R. Matare | 013-755 4721 |
| | Ezemihlaba | A.van der Merwe | 013-755 3499 |
| Free State | Ezolimo | M.B. Motsie | 051-8611258 |
| | Ezemihlaba | W. Barnes | 051-400 4200 |
| KwaZulu-Natal | Ezolimo | W. Urquhart | 033-343 1397 |
| | Ezemihlaba | M. Shabane | 033-355 4300 |
| North West | Ezolimo | Mr Seobi | 018-389 5723 |
| | Ezemihlaba | P. Mongae | 018-384 2437 |
| Northern Cape | Ezolimo | F. du Toit | 053-838 9111 |
| | Ezemihlaba | O. Mvula | 053-831 4090 |
| Northern Province | Ezolimo | J. Thupane | 015-295 7090 |
| | Ezemihlaba | E. Letsoalo | 015-297 3539 |
| Western Cape | Ezolimo | I. Olckers | 021-808 5103 |
| | Ezemihlaba | S. Middleton | 021-426 2947 |
| Eastern Cape | Ezolimo | Mr Pityi | 040-609 3532 |
| | Ezemihlaba | M. Kenyon | 043-743 4689 |

**2001**

Compiled by Directorate Farmer Settlement and Development
Printed and published by Department of Agriculture, Directorate Communication
and obtainable from Resource Centre, Private Bag X144, Pretoria, 0001South Africa